# Iziqulatho


## Ibali 13: Lelikabani eli vili?

- Phambi kokuba kufundwe nangexesha lokufunda: ingqalelo katitshala .................. 2
- Ibali elifundwa ngokuvakalayo .................. 3
- Emva kokufunda: ingqalelo katitshala ..... 11





## Ibali 14: Ekhaya

- Phambi kokuba kufundwe nangexesha lokufunda: ingqalelo katitshala ................ 12
- Ibali elifundwa ngokuvakalayo ................ 13
- Emva kokufunda: ingqalelo katitshala ..... 21





## Ibali 15: Uhambo

- Phambi kokuba kufundwe nangexesha lokufunda: ingqalelo katitshala ................ 22
- Ibali elifundwa ngokuvakalayo ................ 23
- Emva kokufunda: ingqalelo katitshala ..... 31





## Ibali 16: Yophukile ifestile

- Phambi kokuba kufundwe nangexesha lokufunda: ingqalelo katitshala ................ 32
- Ibali elifundwa ngokuvakalayo ................ 33
- Emva kokufunda: ingqalelo katitshala ..... 41




## 13 LELIKABANI ELI VILI? ISISHWANKATHELO SEBALI SIKATITSHALA

Ngenye imini uKabelo uchola ivili elihle kakhulu ecaleni kwendlela. Uzixelela ukuba uza kumfuna amfumane umnikazi wevili. Umisa izithuthi ezidlula ngendlela ebuzisa kwisithuthi ngasinye ngeli vili. Ufumanisa ukuba ivili asililo elezi zithuthi zilandelayo, inqwelo yeedonki, iteletele, isithuthuthu, imoto yokuthutha, iteksi okanye isitsala-zithuthi … kodwa isitsala-zithuthi sitsala umnyonyovu wemoto eyakhelwe isantya, emnyama ngebala, evili phofu, liphoncukileyo! Umqhubi wale moto eyakhelwe isantya unombulelo ongazenzisiyo kuKabelo omcholele eli vili. Kwaba ngathi liphupha kuKabelo, ovuzwa ngokukhweliswa kuloo mnyonyovu wemoto uhamba kamnandi kangako!

## PHAMBI KOKUBA KUFUNDWE

### ISIGAMA

Buza imibuzo, usebenzisa imifanekiso (ekule ncwadi inkulu ukuba kufanelekile) ukuqinisekisa ukuba abafundi bayayilandela intsingiselo yamagama. Khumbula ukuba abafundi akunyanzelekanga ukuba bakwazi ukuwafunda amagama. Yalela abafundi ukuba basebenzise igama ngalinye bakhe isivakalisi ngomlomo:

ivili · indlela · inqwelo yeedonki · iteletele · isithuthuthu · imoto yokuthutha · iteksi · isitsala-zithuthi · imoto eyakhelwe isantya · umqhubi · umnyonyovu · iphupha

### INGOMA

Fundisa abafundi le ngoma. Cela abafundi bakunike amagama ezinye iintlobo zezithuthi abazaziyo. Ixesha ngalinye nicula ingoma, sebenzisa igama lesithuthi esingesinye endaweni yegama ‘moto’.

Yintoni leya izayo?
Ekwehleni phaya kwendlela
Yintoni leya izayo?
Yiyo … yimoto!

### IMIBUZO

Bonisa umfanekiso oseluqweqweni lwencwadi yebali kwiphepha lesi-3. Funda igama lebali "Lelikabani eli vili". Buza:

- Ichole ntoni le nkwenkwe?
  *Ivili.*
- Ucinga ukuba livela phi eli vili?
  *Vumela abafundi banakane iimpendulo. Emva kokufunda, fumana ochane impendulo.*
- Ingaba eli bali lenzeka edolophini okanye emaphandleni? Kutheni ucinga njalo?
  *Kukho ibhokhwe etya ingca phakathi kwezindlu, iindlela zinentlabathi zezegrabile, ayizizo ezo zilungisiweyo zimnyama zifumaneka esixekweni, akukho zakhiwo ziphakamileyo, kukho imizi ezakhiwo zifumaneka emaphandleni, kukho ucingo olwahlula imizi, njl. njl.*

## NGEXESHA LOKUFUNDA

### IMIBUZO

Nqumama kwiphepha lesi-5 walathe emfanekisweni. Buza:

- Ucinga ukuba eli vili likaKabelo lingaba lelale teletele? Kutheni ucinga njalo?
  *Hayi – alilingani ngobukhulu namavili eteletele. Iteletele inamavili amabini amancinci ngaphambili, ze ibe namabini amakhulu ngemva.*

Nqumama kwiphepha lesi-8 walathe emfanekisweni. Buza:


- Ucinga ukuba iteksi ihamba kancinci okanye ibaleka kakhulu? Kutheni ucinga njalo?
  *Ibaleka kakhulu – ide ishiya kuqhuma uthuli emva kwayo!*

Nqumama kwiphepha le-10 walathe emfanekisweni. Buza:

- Inokuba le ndoda ihlala phi? Emaphandleni? Ubona ngantoni?
  *Hayi – ukhangeleka njengomjita wasekasi; imoto yakhe yakhelwe isantya, ayiqhelekanga futhi inokuba yeyexabiso eliphezulu. Impahla zakhe namehlo akhe elanga zikhangeleka zizezemali nazo.*

Ngenye imini uKabelo uchola ivili elipoqe laya kuwela geqe kude kufutshane nendlela. Ivili lihle! Iintsimbi zalo ziyamenzela ziyabukeka!

UKabelo uyazibuza ukuba inokuba livili likabani eli?



Ngoko nangoko uKabelo ubona inqwelo yeedonki isiza ngendlela, ayimise.

'Molo, tata. Livili likabani eli?' uyabuza uKabelo.

'Uxolo, nyana. Asilolam. Sala kakuhle!' aphendule umqhubi wenqwelo enikina intloko.

Yadlula inqwelo yeedonki ikhohlozela yaya kutshona ngendlela.



Emva kwethutyana uKabelo ubona iteletele etyheli isiza ngendlela, ayimise.

'Molo. Livili likabani eli?' uyabuza uKabelo.

'Uxolo, mfo. Asilolam. Sala kakuhle!' aphendule umqhubi weteletele enikina intloko.

Yadlula iteletele igquma ingxola yaya kutshona ngendlela.



Kwadlula nje imizuzwana. UKabelo ubona isithuthuthu esiluhlaza sisiza ngendlela, asimise.

'Misa! Molo, sisi. Awulazi eli vili? Livili likabani eli?' uyabuza uKabelo.

'Uxolo, bhutana. Asilolam. Sala kakuhle!' aphendule umqhubi wesithuthuthu enikina intloko.

Sadlula isithuthuthu sesifundekela saya kutshona ngendlela.



Ilanga ligqatse ubhobhoyi waye uKabelo unxaniwe kodwa akakwazi ukulishiya nje eli vili lihle kangaka.

Kungekudala ubona imoto encinane yokuthutha emhlophe isiza ngendlela, ayimise.

‘Misa! Misa! Molo, mama! Nali ivili. Livili likabani eli?’ uyabuza uKabelo.

‘Uxolo, mntwan’ am. Asilolam. Sala kakuhle!’ aphendule umqhubi wesithuthi enikina intloko.

Yadlula imoto encinane yokuthutha ithothoza yaya kutshona ngendlela.





UKabelo wome umlomo kukunxanwa waye ulambe nokulamba kodwa akazimiselanga ukulishiya eli vili.

Uyabona uKabelo nantso iteksi eluhlaza okwesibhakabhaka ibalekile isiza ngendlela, ayimise.

‘Iyabaleka ke le! Iza kuma? Misa! Misa! Bendibuza. Livili likabani eli? Awulazi eli vili?’ uyabuza uKabelo.

‘Uxolo, ndodana torho! Asilolam. Sala kakuhle!’ aphendule umqhubi weteksi enikina intloko.

Yadlula iteksi sele ingxamile yaya kutshona ngendlela.




UKabelo uyacinga inokuba unina ukhathazekile engabuyi ekhaya. Kodwa akakwazi ukulishiya nje eli vili.

Esacinga njalo uKabelo uyabona naso isitsala-zithuthi esibomvu sisiza ngendlela, asimise.

‘Inokuba lelalo uzayo. Makamise. Misa! Uxolo, awulazi eli vili? Inokuba liwile. Livili likabani eli?’ uyabuza uKabelo.

‘Hayi, asilolam,’ aphendule umqhubi wesitsala-zithuthi enikina intloko.



‘Khawume! Ingathi livili LAM nje eli! Lilo lelam! Livili lemoto yam eli! Uyabona ke ndodana! Enkosi ngokundigcinela eli vili! Xa le moto yam igqityiwe ukulungiswa, ndiza kukulanda khe uthathe uhambo ngayo!’ atsho umnumzana okhatshwa ngesitsala-zithuthi emangalisiwe enovuyo.

Kungadlulanga nje ntsuku zingephi, wafika umnikazi wevili ngemoto emnyama entle kunene. Kwakungathi kuKabelo liphupha ukukhwela kuloo mnyonyovu uhamba kamnandi kangako!

## EMVA KOKUFUNDA

### IMIBUZO

Vavanya ulwazi. Buza:

- Wachola ntoni uKabelo?
  *Ivili elihle elimenyezelayo.*
- Walichola phi ivili?
  *Lalithe geqe entlabathini ecaleni kwendlela.*
- Ingaba uyazikhumbula zonke izithuthi ezadlulayo kodwa ingelo vili lazo eli?
  *Inqwelo yeedonki, iteletele, isithuthuthu, imoto encinane yokuthutha, iteksi nesitsala-zithuthi.*
- Kwakutheni isitsala-zithuthi ze sitsale le moto yakhelwe isantya?
  *Imoto yayingakwazi ukuhamba kuba yayiphoncuke ivili.*

Vavanya ukulonwabela. Buza:

- Ulithandile na ibali? Yintoni oyithandileyo, yintoni ongayithandanga ngalo?
  *Vumela abafundi abambalwa babalise ngezimvo zabo.*
- Yintoni le iyodwa nencomekayo yenziwa nguKabelo? Kwakutheni aze afanelwe ngumvuzo?
  *Vumela abafundi babelane ngeengcinga. Khokela ingxoxo yabafundi. (UKabelo wayetshiswa lilanga, enxaniwe elambile kodwa wayezimisele ukuhlala agade elo vili de afumane umnikazi walo. Waziphatha ngendlela ebonisa ukukhathala nokumcingela omnye umntu).*
- Wena, wakha waba luncedo komnye umntu/kwabanye abantu? Bakubulela njani?
  *Vumela abafundi babalise ngezimvo zabo.*

### IMISEBENZI

#### Ukufunda okubonwayo, ukumamela nokuthetha

Balisa ibali usebenzisa imifanekiso kuphela. Xoxa ngezi nkcukacha zilandelayo kwiphepha ngalinye:

- uhlobo lwesithuthi ngasinye nomsebenzi waso *(<u>inqwelo yeedonki</u>: ukuthutha abantu nempahla; <u>iteletele</u>: ukulima, ukutsala izixhobo zokusebenza noomatshini abanzima, ngakumbi efama; <u>isithuthuthu</u>: ukukhwelisa umntu okanye abantu ababini; <u>imoto encinane yokuthutha</u>: ukuthutha abantu kodwa ngakumbi impahla; <u>iteksi</u>: ukuthutha abantu; <u>isitsala-zithuthi</u>: ukutsala sithuthe izithuthi ezonakeleyo).*
- inani lamavili kwisithuthi ngasinye *(inqwelo yeedonki nesithuthuthu zinamavili amabini isithuthi ngasinye, zonke ezinye izithuthi zinamavili amane isithuthi).*
- abaqhubi ngabaqhubi abadlulayo *(vumela abafundi basebenzise umfanekiso ngqondweni ukuchaza umqhubi nomqhubi).*

#### Ukufunda kunye nezandi

- Bonisa umphandle webali walathe igama lebali u-"Lelikabani eli vili?" (iphepha lesi-3). Nceda abafundi ukuqingqa amalungu amagama (*le-li-ka-ba-ni … e-li … vi-li*). Funda amagama kunye nabafundi.
- Khomba uchaze uphawu lombuzo **?** elisekugqibeleni kwegama lebali. Chazela abafundi ukuba uphawu lusixelela ngesivakalisi esingumbuzo.
- Lungisa la magama abhalwe kumacwecwana:

  | lelikabani | eli | ivili | uxolo | asilolam | sala kakuhle |
  |---|---|---|---|---|---|

  Yalela abafundi baziqhelanise nala magama, ngokuwafunda yonke imihla. Xhoma amagama egumbini lokufundela kwindawo ebonakalayo kubafundi, ixesha elingangeveki.
- Qwalasela kwakhona la magama abonwa njalo nafundwe kwiincwadi ezidlulileyo: **yam, hayi, misa, enkosi**.

## 14 EKHAYA ISISHWANKATHELO SEBALI SIKATITSHALA

Esi siqendwana sibalisa ngokwenzekayo ngezilwanyana ezihlala kwimimandla emithathu edalelwe zona eMzantsi Afrika: idami, intlango nehlathi. Kunemifanekiso emibini ummandla ngamnye: kumfanekiso wokuqala, ubona nje iindawana ezincinci ezivelileyo zesilwanyana ngasinye, abafundi kufuneka baqwalasele bazifumane. Kumfanekiso wesibini, izilwanyana zonke zivezwe ngokubonakalayo, ukuze abafundi bathelekise ngabakufumeneyo kumfanekiso wokuqala.
Izilwanyana edamini: imvubu, ingwenya, ukhwalimanzi, intlanzi, isele, uhlabamanzi
Izilwanyana entlango: ingonyama, inkukhama, igala, ihobo-hobo, ufudo, unomadudwane
Izilwanyana ehlathini: ihlosi, iphuthi, inkawu, incanda, ugolomi, ulovane

## PHAMBI KOKUBA KUFUNDWE

### ISIGAMA

Sebenzisa imifanekiso nezinye iindlela zokuchaza ukuqinisekisa ukuba abafundi bayayilandela intsingiselo yamagama. Yalela abafundi ukuba basebenzise igama ngalinye bakhe isivakalisi ngomlomo:

| ekhaya | hlala | idami | intlango | ihlathi | izilwanyana | ukutya | ikhusi |
|---|---|---|---|---|---|---|---|

### UMHOBE

Fundisa abafundi lo mhobe.
Cengceleza umhobe nabafundi.

Iimvubu neengwenya zihlala edamini
Iinkukhama namagala ahlala entlango
Amahlosi neenkawu zihlala ehlathini
Kodwa mna, ndikhetha ukuhlala kwasendlini!

### IMIBUZO

Khomba kumfanekiso ngamnye wekhaya lesilwanyana kwiphepha le-13. Buza:

- Yindawo enjani le? Ubona ntoni?

  *Khokela abafundi baqwalasele idami elikwicala lasekhohlo emfanekisweni (amanzi, iingcongolo, amagqabi eenyibiba), kwicala lasekunene umfanekiso ubonisa intlango (isanti, umnga, ikaktus), uze umfanekiso ngezantsi ubonise ihlathi (imithi, imidiliya, ubulembu, umfisi).*

Alatha egameni lebali uthi:

- Igama lebali lithi "Ekhaya". Ingaba ngamakhaya oobani la? Zeziphi ezi zilwanyana zihlala apha?

  *Fumanisa ukuba bayawazi na abafundi amagama ezilwanyana (Idami: ingwenya, isele elizimele kwisityalo. Intlango: inkukhama, amagala. Ihlathi: ugolomi [intaka], iphuthi, incanda ezimele kwisityalo). Cela abafundi bacebise nangezinye izilwanyana abacinga ukuba zihlala kwakule ndawo bachaze nezizathu zokucinga njalo. Bhala amagama ezilwanyana ezo ebhodini.*

## NGEXESHA LOKUFUNDA

### IMIBUZO

**Gquma umfanekiso kwiphepha le-15 ngeli xesha ufunda kwiphepha le-14. Gquma umfanekiso kwiphepha le-17 ngeli xesha ufunda kwiphepha le-16. Gquma umfanekiso kwiphepha le-19 ngeli xesha ufunda kwiphepha le-18.**

Nqumama ukufunda emva kwamaphepha i-14, i-16 ne-18. Buza:

- Ingaba ziyabonakala izilwanyana ezizimele kulo mfanekiso? Zizimele phi? Uyawazi amagama azo?

  *Khomba isilwanyana ngasinye emfanekisweni ngeli xesha ufunda ngaso. Iphepha le-15 (idami): imvubu, ingwenya, ukhwalimanzi, intlanzi, isele, uhlabamanzi. Iphepha le-17 (intlango): ingonyama, inkukhama, igala, ihobo-hobo, ufudo, unomadudwane). Iphepha le-19 (ihlathi): ihlosi, iphuthi, inkawu, incanda, ugolomi, ulovane.*


Nqumama kwiphepha lama-20. Ngomnwe wakho, landela uyilo lwemaphu yoMzantsi Afrika. Alatha kwiphondo ohlala kulo. Buza abafundi ukuba zeziphi na izilwanyana (kummandla omiselwe ukubuka indalo) ezihlala kufutshane nendawo ohlala kuyo.



Eli lidami kummandla omiselwe ukubuka indalo kwiziko lezilwanyana, iKruger National Park.

Likhaya likabani eli? Kuhlala bani apha?

Ingaba uyazibona ezintlobo-ntlobo zezilwanyana eziphila ngokutya nangokukhuseleka kweli **dami**?



Iimvubu ezinkulu ezityebileyo zihlala apha.


Iingwenya ezinobungozi zihlala apha nazo.

Ookhwalimanzi abamilenze mide banqakula iintlanzi apha.

Amasele noohlabamanzi  bahlala apha nabo.

Zonke zihlala apha.


Likhaya lazo eli.



Eli liziko lezilwanyana entlango, iKalahari-Gemsbok National Park. Eli ziko ngummandla omiselwe ukubuka indalo, ikakhulu inyamakazi inkukhama.

Likhaya likabani eli? Kuhlala bani apha?

Ingaba uyazibona ezintlobo-ntlobo zezilwanyana eziphila ngokutya nangokukhuseleka kule **ntlango**?



Usapho nosapho lwamagala luhlala apha.

Oonomadudwane abanobungozi bahlala apha.

Oomakhonya beengonyama ezingaqhelekanga zasentlango zileqa iinyamakazi apha.

Oofudwazana namahobo-hobo, zonke zihlala apha nazo.

Zonke zihlala apha.

Likhaya lazo eli.



Eli liziko lezilwanyana elingummandla omiselwe ukubuka indalo, iTsitsikamma National Park.

Likhaya likabani eli? Kuhlala bani apha?

Ingaba uyazibona ezintlobo-ntlobo zezilwanyana eziphila ngokutya nangokukhuseleka kweli **hlathi**?



Oogolomi abagqamileyo abaluhlaza bahlala apha.


Iinkawu ezifumaneka ehlathini nazo zihlala apha.

Amahlosi asoloko eleqana namaphuthi, nawo ahlala apha.

Amalovane amancinci kunye neencanda zihlala apha nazo.

Zonke zihlala apha.

Likhaya lazo eli.




Likhaya likabani eli? Kuhlala bani apha?

Le yimaphu yoMzantsi Afrika.

Zonke izilwanyana ezikule ncwadi zihlala apha.

Lilizwe lazo eli. Likhaya lazo zonke eli.

Zabelana ngeli khaya lazo nathi.

## EMVA KOKUFUNDA

### IMIBUZO

Vavanya ulwazi. Buza:

- Ingaba imvubu nengwenya zizimele phi?
  *Emanzini*
- Ingaba kwenzeke ntoni entlanzini?
  *Ityiwe ngukhwalimanzi.*
- Kuphi apho ubone intaka khona?
  *Kuzo zontathu iindawo: edamini-ukhwalimanzi, entlango-ihobo-hobo, ehlathini-ugolomi*
- Sesiphi isilwanyana esifumaneka entlango esineqokobhe emqolo?
  *Lufudo*
- Lingazikhusela njani iphuthi xa lisengozini lileqwa yingonyama?
  *Lineempondo ezinde ezibukhali, futhi lingasebenzisa likhabe ngeempuphu zalo eziqinileyo.*
- Sesiphi esi silwanyana sasehlathini sikwaziyo ukutshintsha ibala laso?
  *Lulovane*

Vavanya ukulonwabela. Buza:

- Ulithandile na ibali? Yintoni oyithandileyo, yintoni ongayithandanga ngalo?
  *Vumela abafundi abambalwa babalise ngezimvo zabo.*
- Yeyiphi eyona ndawo uyithandayo kwezi ndawo? Kuba kutheni? Sesiphi esona silwanyana usithanda kakhulu kwezi zilwanyana? Kuba kutheni?
  *Vumela abafundi abambalwa babalise babelane ngezimvo neengcinga.*
- Ingaba wakhe waya kwenye yezi ndawo zifana nezi zisebalini? Lithini igama lendawo? Zeziphi izilwanyana owazibonayo apho?
  *Vumela abafundi babalise ngamava abo.*

### IMISEBENZI

#### Ukufunda okubonwayo, ukumamela nokuthetha

- Khangela ubuke kwakhona amaphepha i-15, i-17 ne-19. Ncokola ngesilwanyana ngasinye emifanekisweni: Sesiphi esi silwanyana? Ingaba sikhula side sibe ngakanani? Mingaphi imilenze yaso? Sitya ntoni? Ingaba sinobungozi? njl. njl.
  *Le mibuzo ingakhokelela kwiingxoxo ezinomdla, umzekelo: abafundi bangatsho ukuthi umakhonya wengonyama sesona silwanyana sinobungozi entlango, kodwa yena unomadudwane ungaphezulu ngentiyo.*

  Yahlula abafundi babe ngamaqela angababini. Yabela iqela ngalinye isilwanyana kwezisebalini. Yalela abafundi bafumane izinto zibe mbini ezinomdla ngesilwanyana ababelwe sona nabangabalisa ngazo kubafundi bonke egumbini.
- Bonisa abafundi imaphu yoMzantsi Afrika kwiphepha lama-20. Abafundi mabaqaphele ukuba umhlaba wemimandla emiselwe ukubuka indalo mncinane kakhulu. Bachazele abafundi ukuba kuhlala abantu kuwo wonke umhlaba ongomnye apha eMzantsi Afrika. Ingaba ngoobani abathimbe indawo ephangaleleyo – ngabantu okanye izilwanyana? Ingaba kutheni sinale mimandla emiselwe ukubuka indalo nje? Kungenzeka ntoni kuzo zonke ezi zilwanyana ukuba besingenayo le mimandla emiselwe ukubuka indalo?
- Buza abafundi ukuba bangathanda ukuhlala kumakhaya okanye kwiindawo ezinjani bona: edamini, entlango okanye ehlathini. Ngoba? *Vumela umfundi ngamnye aphendule. Fumanisa ngeempendulo zabafundi.*

#### Ukufunda kunye nezandi

- Bonisa umphandle wencwadi walathe igama lebali u-"Ekhaya" (iphepha le-13). Nceda abafundi ukuqingqa igama u-(*e-kha-ya*) libe ngamalungu. Funda igama kunye nabafundi. Tsalela ingqalelo yabafundi kwisandi u-"kh".
- Lungisa la magama abhalwe kumacwecwana:

  | ekhaya | likhaya | likabani | hlala | apha |
  |---|---|---|---|---|

  Yalela abafundi baziqhelanise nala magama, ngokuwafunda yonke imihla. Xhoma amagama egumbini lokufundela kwindawo ebonakalayo kubafundi, ixesha elingangeveki.
- Abafundi mabaqwalasele kwakhona amagama abawabona njalo nabawafunde kwiincwadi ezingaphambili baziqhelanise nawo: **eli**, **hayi**, **misa**, **enkosi**.

## 15 UHAMBO **ISISHWANKATHELO SEBALI SIKATITSHALA**

Eli bali lazisa ngabantu ngabantu abalungiselela ukuthatha uhambo – indoda engumrhwebi ipakisha ihamba ngokomsebenzi, umfundi epakisha esiya kunkampisha, umfundi oyinkwenkwe epakisha esiya kukhenketho lweqakamba, umama osemtsha epakisha esiya kushishina, nomakhulu epakisha endwendwela usapho lwakhe. Umntu nomntu unetikiti, phofu afanayo. Bonke bahamba ngosuku olulandelayo elingumhla we-12 kuDisemba. Bonke bakhwela uloliwe ogolide iGautrain ukuya kwisikhululo seenqwelo-moya. Bonke bakhwela le nqwelo-moya inye! Ucinga ukuba inokuba bayaphi?

# PHAMBI KOKUBA KUFUNDWE

## ISIGAMA

Buza imibuzo, usebenzisa imifanekiso okanye ezinye izinto ezingasetyenziswa, uchaza ubonisa nangokulinganisa ukuqinisekisa ukuba abafundi bayayilandela intsingiselo yamagama. Yalela abafundi ukuba basebenzise igama ngalinye bakhe isivakalisi ngomlomo:

uhambo xakeka lungisa pakisha itikiti baluleka vuyile
uloliwe ogolide inqwelo-moya

## UMHOBE

Fundisa abafundi lo mhobe.
Cengceleza umhobe kunye nabafundi.

Ndiyinqwelo-moya encinci
Khawundibukele ndibhabha
Khangela ukusuka kwam
Ndemka, ndemka, ndemka ndimkile!

## IMIBUZO

Bonisa umfanekiso oseluqweqweni lwencwadi yebali kwiphepha lama-23. Buza:

- Ingaba ihleli phi le nkwenkwana?
  *Esutikheyisini*
- Yintoni umsebenzi wesutikheyisi?
  *Sipakisha kuyo impahla xa siza kuthatha uhambo.*
- Khawutsho. Uyayibona ikhalenda? Ngumhla wesingaphi namhlanje?
  *Nceda abafundi ukubona baqonde ukuba ngumhla we-12 kuDisemba.*
- Ingaba le nkwenkwana iphethe ntoni esandleni sayo?
  *Itikiti*

Alatha egameni lebali uthi:

- Igama lebali lithi "Uhambo". Ucinga ukuba le nkwenkwana ithatha uhambo iyaphi? Ucinga ukuba iza kuhamba ngantoni?
  *Vumela abafundi abambalwa babalise ngeengcebiso zabo.*

# NGEXESHA LOKUFUNDA

## IMIBUZO

Nqumama kwiphepha lama-26 walathe emfanekisweni. Buza:

- Ingaba idlala owuphi umdlalo le nkwenkwe? Kutheni ucinga njalo?
  *Iqakamba – unephini lokubetha ibhola, iibhola zeqakamba nezikhuselo zeqakamba.*
  Nqumama kwiphepha lama-29 walathe emfanekisweni. Buza:
- Ucinga ukuba uyaphi lo loliwe ugolide (iGautrain)?
  *Vumela umfundi okanye ababini babalise ngeengcebiso zabo.*




Ndiyahamba ngomso. Ndihamba ngomsebenzi.

Ndixakekile ndiyalungisa. Ndipakishe isutikheyisi yam nebrifkheyisi yam. Okubalulekileyo, ndinetikiti lohambo!

Ndiyakuthanda ukuhamba. Ndivuyile!

**Xa ucinga, inokuba uyaphi? Inokuba uza kuhamba ngantoni?**




Ndiyahamba ngomso. Ndithabatha ikhefu ndiyokunkampisha.

Ndixakekile ndiyalungisa. Ndipakishe umxwayo wengxowa yam yempahla nengxowa yam yokulala. Okubalulekileyo, ndinetikiti lohambo!

Ndiyakuthanda ukuhamba. Ndivuyile!

**Xa ucinga, inokuba uyaphi? Inokuba uza kuhamba ngantoni?**




Ndiyahamba ngomso. Ndiya kukhenketho lweqakamba.

Ndixakekile ndiyalungisa. Ndipakishe isutikheyisi yam nengxowa yam yempahla zokudlala. Okubalulekileyo, ndinetikiti lohambo!

Ndiyakuthanda ukuhamba. Ndivuyile!

**Xa ucinga, inokuba uyaphi? Inokuba uza kuhamba ngantoni?**




Ndiyahamba ngomso. Ndiyokuthengisela ndithengele ishishini.

Ndixakekile ndiyalungisa. Ndipakishe impahla yam, impahla yokuthengisa nesutikheyisi yosana lwam. Okubalulekileyo, ndinetikiti lohambo!

Ndiyakuthanda ukuhamba. Ndivuyile!

**Xa ucinga, inokuba uyaphi? Inokuba uza kuhamba ngantoni?**




Ndiyahamba ngomso. Ndiyokundwendwela usapho lwam.

Ndixakekile ndiyalungisa. Ndipakishe zonke impahla endizidingayo kwakunye nezipho zezihlobo zam. Okubalulekileyo, ndinetikiti lohambo!

Ndiyakuthanda ukuhamba. Ndivuyile!

**Xa ucinga, inokuba uyaphi? Inokuba uza kuhamba ngantoni?**




Ifikile imini yohambo namhlanje.
Sinamatikiti ethu saye sivuyile!
Sihamba ngololiwe ogolide!

Uloliwe ogolide ubaleka kakhulu! Yho!
Ubaleka wedlula iteksi,
wedlula isithuthuthu,
nditsho nemoto yomdyarho na kakade!

Kodwa …



… akabaleki ngaphezu kwenqwelo-moya!

## EMVA KOKUFUNDA

### IMIBUZO

Vavanya ulwazi. Buza:

- Khawutsho. Babexakeke besenza ntoni bonke aba bantu apha ebalini?
  *Babepakisha belungiselela ukuthatha uhambo.*
- Babeza kuhamba ngomhla wesingaphi?
  *Ngomhla we-12 kuDisemba.*
- Umakhulu yena wayesiya phi?
  *Wayesiya kundwendwela usapho lwakhe.*
- Ingaba aba bantu bonke baya kufika ngantoni kwisitishi seenqwelo-moya?
  *Bakhwela uloliwe ogolide iGautrain.*
- Yintoni ekufuneka uyithengile xa uza kukhwela uloliwe okanye inqwelo-moya?
  *Litikiti*

Vavanya ukulonwabela. Buza:

- Ulithandile na ibali? Yintoni oyithandileyo, yintoni ongayithandanga ngalo?
  *Vumela abafundi abambalwa babalise ngezimvo zabo.*
- Ingaba wakhe wakhwela uloliwe okanye inqwelo-moya wena? Kwakunjani? Wawusiya phi?
  *Vumela abafundi babalise ngamava abo.*

### IMISEBENZI

#### Ukufunda okubonwayo, ukumamela nokuthetha

Balisa ibali usebenzisa imifanekiso kuphela. Chonga uxoxe ngezi nkcukacha zilandelayo kwiphepha ngalinye:

- igumbi umntu nomntu akulo *(iphepha lama-24: igumbi lokufundela okanye ipaseji ngasemnyango, iphepha lama-25: igumbi lokulala, iphepha lama-26: igumbi lokuphumla, iphepha lama-27: igumbi lokuphekela, iphepha lama-28: igumbi lokuvasela)*
- uhlobo lwengxowa umntu nomntu alupakishayo *(iphepha lama-24: umrhwebi–ibrifkheyisi, iphepha lama-25: umfundi–umxwayo wengxowa, iphepha lama-26: umfundi oyinkwenkwe–ingxowa yempahla zokudlala, iphepha lama-27: umama–isutikheyisi yosana, iphepha lama-28: umakhulu–ingxowa yezinto zokuzilungisa).*

#### Ukufunda kunye nezandi

- Bonisa umphandle wencwadi walathe igama lebali u-"Uhambo" (iphepha lama-23). Nceda abafundi ukuqingqa igama u-(*u-ha-mbo*) libe ngamalungu. Funda igama kunye nabafundi. Tsalela ingqalelo yabafundi kwisandi u-"mb".
- Lungisa la magama abhalwe kumacwecwana:

  | sihamba | uhambo | ngomso | uDisemba | uloliwe ogolide | inqwelo-moya |
  |---|---|---|---|---|---|

  Yalela abafundi baziqhelanise nala magama, ngokuwafunda yonke imihla. Xhoma amagama egumbini lokufundela kwindawo ebonakalayo kubafundi, ixesha elingangeveki.
- Yalela abafundi baziqhelanise ukufunda ezi zimaphambili zilandelayo:

  | ndi- | ndiya- | ndine- |
  |---|---|---|

  Vumela abafundi balinganise ngokungathi ngabantu abasebalini. Khomba kumfanekiso ngamnye unike umfundi nomfundi ithuba lokufunda isivakalisi esiqala ngezi zimaphambili, umzekelo: *Ndiyahamba… Ndixakekile… Ndiyalungisa… Ndipakishe... Ndinetikiti… Ndiyathanda… Ndivuyile... Ndithabatha... Ndiyokuthengisela... Ndiyokundwendwela... njl. njl.*
- Yalela abafundi baziqhelanise ukufunda ezi zimaphambili zilandelayo:

  | ngo- | nge- |
  |---|---|

  Abafundi mabakhe izivakalisi zomlomo eziqala ngegama u-"Sihamba" nezi zimaphambili, umzekelo: *Sihamba ngololiwe ogolide. Sihamba ngenqwelo-moya. Sihamba ngeteksi. Sihamba ngebhasi. Sihamba ngemoto. njl. njl.*

## 16 YOPHUKILE IFESTILE ISISHWANKATHELO SEBALI SIKATITSHALA

Ngenye imini umama uPhosa ufika ekhaya afumanise ukuba kukho bhola eyophule ifestile yakhe egumbini lokuphekela. Ingaba ngubani owenze lo monakalo? Uchola ibhola abe selejikeleza kubumelwane efuna lo mntwana ugezayo wenze lo monakalo. Umama uPhosa ubona abantwana bedlala iqakamba, ibhola yomnyazi, ibhola ekhatywayo, ibhola yombhoxo nentenetya. Bathelekisa ibhola abadlala ngazo naleyo yakhe – asiyiyo ibhola yabo. Umama uPhosa ubona ummelwane wakhe, utata uBhele, eziqhelisa ukubetha ngesithonga ibhola yeqakamba egadini yakhe. Ubonisa utata uBhele ibhola esesandleni sakhe … yiyo, yibhola katata uBhele, akunamntwana unetyala! Utata uBhele ucela uxolo. Uthembisa ngokucoca achole ezo ngceba zeglasi, athenge nefestile entsha.

# PHAMBI KOKUBA KUFUNDWE

## ISIGAMA

Sebenzisa imifanekiso (ekule ncwadi inkulu ukuba kufanelekile) ukuqinisekisa ukuba abafundi bayayazi bengafanisa baphawule yonke imidlalo. Yalela abafundi ukuba basebenzise igama ngalinye bakhe isivakalisi ngomlomo:

ifestile phukile umonakalo ibhola iqakamba ibhola yomnyazi
ibhola ekhatywayo intenetya umbhoxo igalufa krokra

## INGOMA

Fundisa abafundi ingoma. Cula kunye nabafundi.

Oh na, kwenzeke ntoni na?
Oh na, kwenzeke ntoni na?
Oh na, kwenzeke ntoni na?
Ibhol' iyophulile!

## IMIBUZO

Bonisa umfanekiso oseluqweqweni lwencwadi yebali kwiphepha lama-33.
Funda igama lebali "Yophukile ifestile". Buza:

- Ingaba kwenzeke ntoni apha?
  *Khokela abafundi de baqaphele ukuba kukho ibhola ephule ifestile – kukho iingceba zeglasi phantsi emgangathweni.*
- Loluphi uhlobo lwebhola olu?
  *Bhala iingcebiso zabafundi ebhodini. Emva kokufunda, fumana ochane impendulo.*
- Ingaba leliphi igumbi endlini eli?
  *Ligumbi lokuphekela – kukho iisinki ezimbini, izixhobo zukupheka, iketile, iimagi nesitya seswekile.*

# NGEXESHA LOKUFUNDA

## IMIBUZO

Nqumama kwiphepha lama-37 walathe emfanekisweni. Buza:

- Ucinga ukuba la makhwenkwe adlala ibhola ekhatywayo ngawo awenze lo monakalo? Yintoni ekucingisa njalo?
  *Hayi – eyabo ibhola inkulu kakhulu kuleyo kamama uPhosa.*

Nqumama kwiphepha lama-39 walathe emfanekisweni. Buza:

- Ngowuphi lo mdlalo udlalwa ngala makhwenkwe? Ingaba yeyabo le bhola iphule ifestile?
  *Ngumdlalo wombhoxo – hayi asiyiyo.*

Phambi kokuba ufunde iphepha lama-40, nqumama walathe emfanekisweni. Buza:

- Qwalasela iibhola ezincinci ezimhlophe. Ungakwazi ngoku ukuqashela ukuba kwenzeke ntoni kule festile?
  *Le ndoda ibethe enye yebhola zayo zegalufa yaya kugqobhoza yaphula ifestile kamama uPhosa.*




Ngenye iCawe umama uPhosa ubuya kuthenga ezivenkileni. Ufika ekhaya, egumbini lokuphekela kophuke ifestile. Esamangalisiwe njalo, ubona ibhola.

‘Ifestile yam yophukile! Yekabani le bhola?’ uyazibuza umama uPhosa echola ibhola.

Umama uPhosa uqinisekile ukuba ngomnye wabantwana kubumelwane ogibisele lo bhola yophula ifestile. Uzixelele ukuba uza kumfumana umntwana owenze lo monakalo.




Umama uPhosa ubona amakhwenkwana adlala iqakamba. Naba! Inokuba ngabo aba bophule le festile. Ekrokra umama uPhosa uyasondela.

‘Yophukile ifestile yam. Niyayazi le bhola?’ uyabuza umama uPhosa.

‘Hayi mama, asiyazi,’ ayaphendula amakhwenkwana.

Aqhubeke umama uPhosa ehamba ngendlela. Uzixelele ukuba uza kumfumana umntwana owenze lo monakalo.




Umama uPhosa ubona amantombazana edlala ibhola yomnyazi. Nakanjani! Imele ukuba ngabo aba abophule le festile. Ekrokra umama uPhosa uyasondela.

‘Ifestile yam yophukile. Yibhola kabani le?’ uyabuza umama uPhosa.

‘Hayi mama, asiyazi. Asiyazi lo bhola,’ ayaphendula amantombazana.

Aqhubeke umama uPhosa ehamba ngendlela. Usazixelela ukuba uza kumfumana umntwana owenze lo monakalo.




Umama uPhosa ubona abantwana abadlala ibhola ekhatywayo. Ndiqinisekile! Inokuba ngabo aba abophule ifestile. Ekrokra umama uPhosa uyasondela.

‘Ifestile yam yophukile. Yekabani le bhola?’ uyabuza umama uPhosa engatyhilekanga.

‘Hayi mama, asiyazi? Leyo ibhola, asiyazi,’ bayaphendula abantwana.

Aqhubeke umama uPhosa ehamba ngendlela. Uyazixelela ukuba uza kumfumana umntwana owenze lo monakalo.




Umama uPhosa ubona amantombazana amabini edlala intenetya.

Ngabo kanye! Inokuba ngabo abophule le festile. Ekrokra umama uPhosa uyasondela.

'Yophukile ifestile yam. Niyayazi le bhola?' uyabuza umama uPhosa.

'Hayi mama, asiyazi. Sazi le ibhola,' ayaphendula amantombazana amabini.

Aqhubeke umama uPhosa ehamba ngendlela. Usazixelela ukuba uza kumfumana umntwana owenze lo monakalo.




Umama uPhosa ubona amakhwenkwe adlala ibhola yombhoxo. Nakanjani! Inokuba ngabo aba bophule le festile. Ekrokra umama uPhosa uyasondela.

‘Ifestile yam yophukile. Yibhola kabani le?’ uyabuza umama uPhosa.

‘Hayi mama, asiyazi. Sazi le ibhola. Yeyiphi leyo ibhola?’ ayaphendula amakhwenkwe.

Umama uPhosa udiniwe. Ugqiba ekubeni abuze ummelwane wakhe utata uBhele ukuba akabonanga mntu owophule ifestile yakhe na.




Uxakekile utata uBhele uziqhelisa ukubetha ngesithonga ibhola yeqakamba.

Umama uPhosa eqwalasela ubona iibhola zeqakamba. Nguye! Nguye owophule le festile! Eqinisekile umama uPhosa, uyasondela.

'Ifestile yam yophukile. Uyayazi le bhola?' uyabuza umama uPhosa engatyhilekanga.

'Ewe, yibhola yam leyo. Yiyo eyophule ifestile. Ndicela uxolo, mama uPhosa. Ndiza kuyibhatala!'

Ngenene wayibhatala ifestile kamama uPhosa utata uBhele.

# EMVA KOKUFUNDA

## IMIBUZO

Vavanya ulwazi. Buza:

- Ingaba umama uPhosa wafumanisa monakalo mni ukubuya kwakhe ezivenkileni?
  *Ibhola yayigqobhozile yophula enye yeefestile zegumbi lakhe lokuphekela.*
- Yayiyibhola enjani le?
  *Yayiyibhola encinci emhlophe.*
- Wagqiba ekubeni athini umama uPhosa?
  *Wahamba ebuzisa ngebhola ezimisele ukumfumana lo mntwana wenze lo monakalo.*
- Ingaba usayikhumbula imidlalo eyayidlalwa ngabantwana?
  *Iqakamba, ibhola yomnyazi, ibhola ekhatywayo, intenetya nebhola yombhoxo.*
- Ngowuphi lo mntwana wayenetyala lokophula ifestile kamama uPhosa?
  *Ayingomntwana – ngummelwane kamama uPhosa,  utata uBhele owayenetyala!*
- Wathembisa ukwenza ntoni utata uBhele?
  *Wayeza kucoca achole zonke iingceba zefestile eyophukileyo, aze athenge nefestile entsha.*

Vavanya ukulonwabela. Buza:

- Ulithandile na ibali? Yintoni oyithandileyo, yintoni ongayithandanga ngalo?
  *Vumela abafundi abambalwa babalise ngezimvo zabo.*
- Ingaba yakhe yakwehlela ingozi elolu hlobo – ukophula ifestile yomntu ngempazamo? Balisa.
  *Vumela abafundi babalise ngamava abo.*
- Ngowuphi owona mdlalo uwuthandayo kuleyo yayidlalwa ngabantwana? Ingaba ngumdlalo owudlalayo lo umthetho wakho? Ukhe uwubukele lo mdlalo xa udlalwa? Ingaba kukho abantu obaziyo abadumileyo abadlala lo mdlalo?
  *Fumanisa ngeempendulo zabafundi. Vumela abafundi babalise ngezimvo, iingcebiso nezinto abazithandayo nabazikhethayo ngomdlalo lowo.*

## IMISEBENZI

### Ukufunda okubonwayo, ukumamela nokuthetha

Balisa ibali usebenzisa imifanekiso kuphela:

- thelekisa izakheko, ubungakanani, nemibala yeebhola ngeebhola kwiphepha ngalinye

| UHLOBO LWEBHOLA | UBUNGAKANANI | ISAKHEKO | UKULUKWA | IBALA |
|---|---|---|---|---|
| **ibhola yeqakamba** | incinci | isisangqa | iqinile kakhulu | idla ngokuba bomvu, ngamanye amaxesha imhlophe |
| **ibhola yomnyazi** | inkulu | isisangqa | iqinile | ililo naliphi na ibala |
| **ibhola ekhatywayo** | inkulu | isisangqa | iqinile | ililo naliphi na ibala |
| **ibhola yentenetya** | incinci | isisangqa | inako ukuqina | inokuba tyheli (ngathi iba luhlaza) |
| **ibhola yombhoxo** | inkulu | imbhoxo | iqinile | ililo naliphi na ibala (inokuba nebala elimhlophe ikakhulu) |
| **ibhola yegalufa** | incinci kakhulu | isisangqa | iqinile kakhulu | inokuba mhlophe |

- thetha ngezixhobo ezidingekayo zomdlalo ngamnye (*Iqakamba: iphini lokubetha ibhola, iibhola zeqakamba, isibini seentonga ezintathu nentongana ebekwa phezu kwewikhethi, indawo phakathi kweewikhethi, njl. njl. Ibhola yomnyazi: ibhola yokudlala ibhola yomnyazi, ibala lokudlala ibhola yomnyazi, iipali zokukhongozela ibhola yomnyazi. Ibhola ekhatywayo: ibhola yokudlala ibhola ekhatywayo, ibala lokudlala ibhola ekhatywayo, iipali ezithubeleza phakathi kwazo iigoli. Intenetya: iibhola zokudlala intenetya ezimbalwa, amaphini okudlala intenetya, ibala ekudlalwa kulo intenetya, umnatha wentenetya. Ibhola yombhoxo: ibhola yokudlala ibhola yombhoxo, ibala ekudlalwa kulo ibhola yombhoxo, iipali eqabela phezu kwazo ibhola xa kudlalwa ibhola yombhoxo. Igalufa: iibhola zegalufa, iintonga zegalufa, ibala ekudlalwa kulo igalufa, njl. njl.*).

### Ukufunda kunye nezandi

- Bonisa umphandle wencwadi walathe igama lebali u-"Yophukile ifestile" (iphepha lama-33). Nceda abafundi ukuqingqa amagama (*yo-phu-ki-le … i-fe-s-ti-le*) abe ngamalungu. Funda amagama kunye nabafundi. Tsalela ingqalelo yabafundi kwisandi u-"ph".
- Lungisa la magama abhalwe kumacwecwana:

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| yophukile | ifestile | bhola | uyabuza | asiyazi |

  Yalela abafundi baziqhelanise nala magama, ngokuwafunda yonke imihla. Xhoma amagama egumbini lokufundela kwindawo ebonakalayo kubafundi, ixesha elingangeveki.
- Abafundi mabaqwalasele kwakhona amagama abawabona njalo nabawafunde kwiincwadi ezingaphambili: **umama**, **yam**, **hayi**, **ewe**, **kabani**, **uxolo**.

# Incwadi enkulu 4

I-*Vula Bula* yinkqubo yobuchule bokufunda nokubhala nengundoqo eveliswe yashicilelwa ngabakwa-Molteno Institute for Language and Literacy.

I-*Vula Bula* iyinkqubo eyodwa kuba iveliswe kwisiseko solwimi ngalunye kwiilwimi zeemvelo zoMzantsi Afrika. Inkqubo iyilwe ngononophelo, ivumelana ingqinelana kananjalo nokukhula kolwimi endalweni kwakunye neemfuneko ezingundoqo zobuchule bokufunda nokubhala ulwimi.

## Vula Bula UMGANGATHO woku-1


**INCWADI ENKULU 1**
1. Bala
2. Hayi
3. Vula vala
4. Coca

**INCWADI ENKULU 2**
5. Baleka
6. Lala
7. Zoba usike
8. Mamela

**INCWADI ENKULU 3**
9. Jika
10. Umnikelo
11. Utata usele nosana
12. Sebeza

**INCWADI ENKULU 4**
13. **Lelikabani eli vili?**
14. **Ekhaya**
15. **Uhambo**
16. **Yophukile ifestile**

**INCWADI ENKULU 5**
17. Ncedani!
18. Uphi uZinzi?
19. Sidlala undize
20. Sityiwe isonka

**INCWADI ENKULU 6**
21. Izinyo
22. Evenkileni yempahla
23. Umnqathe omkhulukazi
24. Ibali lobugqi

**INCWADI ENKULU 7**
25. Gcinela ingomso
26. Isuphu yelitye
27. Idabi lomoya nelanga
28. Umvundla nofudo

**INCWADI ENKULU 8**
29. Ingonyama nempuku
30. Ukubhaka nomakhulu
31. Edolophini
32. UMzantsi Afrika ngowethu


Ibali ngalinye liqhagamshelana nencwadana yebanga egama lifanayo. Imizekeliso emibala emihle nezicatshulwa ezonwabisayo ziyasebenzisana ukukhuthaza abantwana ukuthanda ukumamela amabali nokufunda. Iingxoxo ezijikeleze imizekeliso zivelisa zikhulise ubuchule bokufunda nokubhala beembono zabantwana zikhuthaze kananjalo ukuzithemba ekusebenziseni isigama esithethwayo ngendlela ecacileyo nephuhlileyo. Imibuzo esele isezingqondweni nevulelekileyo entsingiselo isebalini, ikhulisa ubuchule bokucinga ngendlela ekhwencayo nenesiphiwo sokuyila.

**ISIXHOSA**

ZENEX FOUNDATION

MOLTENO INSTITUTE FOR LANGUAGE AND LITERACY

CC BY NC ND

ISBN: 978-1-920488-23-9